# Intʃayelelo

Mzi wakowethu ontsundu, ngale ncwadana yemihoɓe, *IQhaʃu*, ndithe ma khe ndizame ukukhasa ngokosana hleze ndide ndikwazi ukuqingqa ze ndisikhonzele isizwe. Akukho nto ingako iyinjongo, nalwazi lubekele phi ngaphandle kokongeza kwelo qela lemihoɓe ese isetyenziswa kwizikolo zaɓaNtsundu kwiAFRIKA eseZANTSI.

Kule ncwadana ndiqale ngemihoɓe yaɓantwana aɓancinane aɓaqalayo, ndaza ndenyuka nayo ngokoɓunzima ɓayo nangokoɓudala ɓaɓantwana ukuya kuma kwaaɓo ɓafunda kwiɓakala lesithandathu.

Ekuyiphetheni le ntetho ndinga ndingenza umɓulelo omkhulu kumNumzana uH. W. Pahl, umVi weziKolo, ngenkuthazo nangoluleko nengceɓiso, naɓaNumzana ooG. T. Makalima, W. T. Damoyi, noH. Qina ngokuyilungiselela aɓaʃicileli le ncwadana.

*Kokstad*

PRES. M. NTLOKO
UmBali

# Isalathiso

ICANDELO I

UmThandazo waɓaNtwana wokuNgena kwesiKolo . . . . . . . . . . 1
UkuThuthuzela uSana . . . . . . . . 3
Nkcenkce Mlanjana . . . . . . . . . 3
UkuKhala kweenTaka . . . . . . . . 4
UXam noXamkazi noXazile . . . . . . 5
ULoliwe. . . . . . . . . . . . 5
IQaqa . . . . . . . . . . . . 6

ICANDELO II

UXolo-xolo . . . . . . . . . . 7
IHoɓe . . . . . . . . . . . . 7
UkuYa esiKolweni . . . . . . . 8
UJeni . . . . . . . . . . . . 9
UmVundla . . . . . . . . . . . 9
AmaWele . . . . . . . . . . . 10
ITakane likaLulama . . . . . . . . 11

ICANDELO III

EQaukeni . . . . . . . . . . . 12
UkuLima . . . . . . . . . . . 12
IQhaʃu . . . . . . . . . . . 13
UkuLwa kweenKunzi . . . . . . . 14
UNyaka'omtʃha . . . . . . . . 15
InTak' eThamsanqa . . . . . . . 16
UkuZalwa kukaYesu . . . . . . . 17

ICANDELO IV

ISela . . . . . . . . . . . . . . 18
IPhupha lam . . . . . . . . . . . 19
ImFundiso kuƂaNtwana . . . . . . . . 20
UkuFa . . . . . . . . . . . . . . 21
IXeʃa lokuVuna . . . . . . . . . . 22
ILanga . . . . . . . . . . . . . . 23
ImBongi umFi. S. K. Mqhayi . . . . . . 25
UNongqawuse . . . . . . . . . . . 26
ImFundo kaSandla . . . . . . . . . 28
INcoko yeXhegwazana . . . . . . . . 29

ICANDELO I

# UmThandazo waɓaNtwana wokuNgena kwesiKolo

1. NKosi ngena nathi,
   Esikolweni.
   Ze usikhokele,
   Ezifundweni.

2. Yiɓa naɓantwana,
   Aɓafundayo.
   Uze uɓakhusele,
   Ezingozini.

3. Ɓanike amandla,
   Nonyamezelo.
   Ze ɓaphumelele
   Ezifundweni.

4. Ze usifundise
   Yonk' intoɓeko,
   Iititʃhala zethu,
   Sizihlonele.

5. Zonke iititʃhala
   Ma uzixhase,
   Uzinike ingqondo
   Yokufundisa.

6. Zize zifundise
   Ezi zifundo,
Kwa kunye nezaKho
   Ezoɓungcwele.

7. NKosi sikelela
   Yonke iAfrika,
Udale uxolo
   Ezintlangeni.

8. Udumo kuYise
   NakuNyana,
NakuMoya
   Ngonaphakade.

KEY G

| | | |
|---|---|---|
| m .m :m .f \|s :s | s .s :f .m \|r :— | |
| d .d :d .r \|m :m | m .m :r .d \|t, :— | |
| NKosi nge-na na - thi, | E - si - ko - lweni. | |
| s .s :s .l \|d' :d' | d' .t :l .s \|s :— | |
| d .d :d .s, \|d :d | d .t, :l, .d \|s, :— | |

| | | |
|---|---|---|
| r .m :s .l \|f :f .l | m .m :r .r \|d :— | |
| t, .t, :t, .d \|r :r | d .d :t, .t, \|s, :— | |
| Ze u - si - khoke - le, | E - zi- fundweni. | |
| s .s :l .t \|l :l | s .s :f .f \|m :— | |
| s, .s, :t, .d \|f, :f, | s, .s, :s, .s, \|d, :— | |

## UkuThuthuzela uSana

1. Loli loli loli baba,
Loli loli loli mntwana,
Tutu tutu tutu sana,
Thula thula thula mntwana.

2. Ndidiɓene namaqoɓokazana,
Ethwel' iinyanda ezincane ;
Ndathi "Ndixuleleni", alandula ;
Hayi, hayi, hayi, mntwana.

3. Lala lala lala mntwana,
Ɽona ɽona ɽona sana
Lal' aɓanye ɓalele maa
Ʃii-ʃii-ʃii-ʃii-ʃii.

## Nkcenkce Mlanjana

1. Yafika imvula,
Nkcenkce mlanjana ;
Ankcenkcez' amanzi,
Nkcenkce mlanjana.

2. Ma siy' emlanjeni,
Nkcenkce mlanjana,
Sixhume sivuye,
Nkcenkce mlanjana.

3. Yaamanz' imizimba,
Nkcenkce mlanjana,
Yaphol' imizimba,
Nkcenkce mlanjana.

4. Ma siye kuy'sula,
Nkcenkce mlanjana,
Siphile sikhule,
Nkcenkce mlanjana.

## UkuKhala kweenTaka

1. Uthi ni umQhagi ?
Kuruku-kuuguuu.
Lithi ni iKiwu ?
Kiwu, kiwu, kiwu.

2. Lithi ni iΓanisi ?
Kɼii, kɼii, kɼii ;
Athi ni uNomyayi ?
Γwaa, ɼwaa, ɼwaa.

3. Sithi ni isiKhova ?
Vuu, vuu, vuuu ;
Athi ni uNogqaza ?
Nqa, nqa, ntyilo-ntyilo.

4. Lithi ni iDada ?
Kwek, kwek, kwek.
Ithi ni inKwakwini ?
Gquʃuu, gquʃuuu-uu.

## UXam noXamkazi noXazile

1. UXam uxakeke xa axoxayo,
Laxola ixoxo laxhapha umxhaxha.
UXamkazi unxiɓe ixazi-xazi,
Waxoza umxoxozi womxhaxha.

2. UXazile uxuzulwe lixolo,
Xa axoɓula inxoza,
Waxanda exathazela eluxandeni,
Waxhelelwa ixhego lexhama.

## ULoliwe

1. Mpoo-oo-oooo-oo,
Naanko uloliwe evakala,
Yivani sel'ekhawuleza
Evela eThekwini.

2. Mpoo-ooooo-oooo,
Ɓonani wavela,
Usinga esitiʃini ;
KwesakuXolo-xolo.

3. Mpooo-oooo-oooo,
Naank' eduda eswaya,
Ɓavela ɓonk' aɓantu
Ɓeɓulis' izihloɓo.

4. Mpooo-ooooo-oooo,
Uya ngena esitiʃini,
"Xhegwazana phek' ipapa,
Xhegwazana phek' ipapa".

## IQaqa

1. IQaqa laziqika-qika kuqaqaqa
Laqaɓuka se liqaqanjelwa liqatha.
Laqhawula umqhaphu laziqhoɓoʃa
Laqakatha ukuqaɓela eQaukeni.

2. Iqakamba lalinqanda iqaqa,
Laqaɓela iqegu laliqoqoʃa,
Lalipha umqa laliqaɓula,
Laqhuqha ukuqaɓela eQamata.

## UXolo-xolo

1. Yintaɓa ni na le ɓethu,
Egama liɓizwa ngolu hloɓo ?
Yathiywa nguɓani na ɓethu,
Wath' ukuyiɓiza nguXolo-xolo ?

2. Naants' ivela kwelamaGrikwa,
Ithi "Yiza" iya kuɓiza,
Ithe qwaa ngath' iya ɓuza,
Ithi "Mhambi usinga phi na ?"

3. Inomtsalane nokuɓa ukude,
Ngokuvelela lonke ilizwe ;
Ngemifula namatyholo,
Ayijikeleze macala onke.

4. Ichophile igcine idolophu,
Inebongo yakuyiɓon' isanda,
Isalusile eso sikhumbuzo
SikaAdam Kok, umseki wayo.

## IHoɓe

1. Le ntaka ihoɓe iya ɓukeka,
Lihomba elimaphiko mahle,
Ithi xa ihleli emasimini
Unge ungayikhangela kakuhle.

2. Ikhathaza umlindi emasimini,
Ngokuxhola iinkozo zamazimba ;
Alikhwaze aligxothe limke,
Esithi "Hoɓee, Hoɓee, Hoɓee !"

3. Inkunzi ikhwela emthini,
Iqale ikhonye ithi,
"Maakhulu siphi isidudu ?
Maakhulu siphi isidudu ?"

## UkuYa esiKolweni

1. Nkqoo kheleke nkqe khonkqo !
Phulaphulani intsimbi iya khala.
Khonkqo, nkqo, kheleke nkqe !
Khawulezani ɓantwana nihlambe.

2. Nkqee kheleke nkce khenkce !
Yityani isityo sakusasa,
Nithaɓathe iincwadi zokufunda,
Niɓaleke ukuya esikolweni.

3. Nomalizo uphi na uJoni ?
Kha umɓize aye esikolweni,
Nimkhangele angazimeli.
Akafuni ukuya esikolweni.

4. Khawulezani nifike singekangeni,
Ze nifunde izifundo zokuqala ;
Ninyameke, nimamele kakuhle,
Ukuze niphumelele kulo nyaka.

## UJeni

1. Mama naanko uSisi Jeni
Esihla kuloliwe esitiʃini,
Yo ! wafika uSisi wam,
Ndiya vuya, ndiya vuya !

2. Iphi impahla yakho Sisi
Ndize kukuphathisa ?
Yo ! yaaninzi wethu Sisi,
Undiphathele na ilokhwe ?

3. Uɓuhlalele ni Sisi
Ungaɓuyi kamsinyane ?
Ɓe sixhelelwe iguʃa
Sadla thina sakuvimba.

4. Uɓuyile Sisi wam ?
Ndiya vuya, ndiya vuya !
Siza kudlala soɓaɓini ?
Ndiya vuya, ndiya vuya !

## UmVundla

1. Umvundlana othile
Wahamb' ufun' ukutya,
Wafika etyholweni
Waqakatha, waqakatha.



UNIVERSITY
OF CAPE TOWN
LIBRARY

2. Waɓon' intsimi ekufuphi,
Yayame kwelo tyholo,
Kwathi kanti entsimini
Iimbotyi zilityholo.

3. Watya apho wahlutha
Waqakatha, waqakatha,
Sema ngeembamb' isisu,
Wanyantsula wagoduka.

## AmaWele

1. UNomaza noNomava ngamawele,
Ɓathanda ukudlala ɓoɓaɓini ;
Aɓizana kamnandi la mawele,
Ɓaɓukana kakuhle ɓoɓaɓini.

2. Kwakutyiwa isitya saɓo sinye,
UNomava ufana noNomaza,
Esikolweni isihlalo saɓo sinye ;
UNomaza ungathi nguNomava.

3. Aya hleka onwaɓile la mawele,
Aya ncuma anovuyo la mawele ;
Ɓaya ɓukwa ɓaya thandwa nangaɓantu,
Ɓanembeko nentlonelo eɓantwini.

# ITakane likaLulama

1. ULulama unetakane elihle,
Uliphiwe izolo nguyise ;
Uɓoya ɓalo ɓumhlophe kakuhle,
Ɓuqaqambe ɓafana nekhephu.

2. Ulithanda kakhul' uLulama,
Limlandela nalapho ayayo ;
Limthoɓele ngembeko nolulamo,
Limenzela yonk' int' ayifunayo.

3. Aliphoswa lusuku lwesikolo,
Livuyel' ukuɓon' aɓantwana ;
Ɓalihleke ɓadlalise ngalo,
Lifaniswa nomntwana wes'kolo.

## EQaukeni

1. Ndikhe ndee gxada eQaukeni
KwiKomkhulu yamaMpondo,
KuNyawuza wasemPumalanga
UJongilizwe iKumkani yalapho.

2. Ndawuɓona loo mzi mkhulu
Ibotwe likaNkosi uBota,
Kuphithizela iintw' ezinkulu
Zihamb' inkundla ziyiqoqa-qoqa.

3. Wavel' umf' omkhulu uNkos' uBota,
Ez' enkundleni kwa noNobala,
Kuza kuthethw' amatyal' anzima
Kuloo Ofisi yawo amaMpondo.

4. Uthe akuvela kwalahlw' iinqawa
Kwatak' umnqwazi xiɓilil' inguɓo,
Wakhal' umdumo wesilw' esikhulu
Aaa Jongilizwe ! Aaa Jongilizwe !

## Ukulima

1. Mna ndithanda ukulima
Lakuthwasa ihloɓo ;
Ndihlwayele iimbewu
Ezeentloɓo-ntloɓo.

2. Ndivuka kusasa
Ndikhuphe iidyokhwe ;
Aɓe umnakwethu
Ethaɓatha iintambo.

3. Zakuɓotʃhwa iinkaɓi,
Kulayiʃwe nekhuɓa ;
Ndiziqhuɓa ngesabokhwe
Ukuya entsimini.

4. Lakufudumala ilanga,
Isipani siya khululwa ;
Ndizaluse iinkaɓi
Zihluthe zisele.

5. Yakuphola imini,
Ziɓuyela endimeni ;
Ndiziɓize ngamagama
OoƁayilam nooFalten.

6. Ekumkeni kwemini,
Ndikhulula ndigoduke ;
Ndinebongo ndinovuyo
Ngomseɓenzi waloo mini.

## IQhaʃu

1. Qhaʃu, qhaʃu, qhuʃuu !
Latʃho iqhaʃu eziko.
Qhuʃu, qhuʃu, qhaʃuu !
Liqhaʃumba kufuphi nomlilo.

2. Qhaʃamba khangela iqhaʃu,
Uliguqule lingaɾawuki ;
Lisuse edangatyeni iqhaʃu,
Ulichanaɓc lize lingalumezi.

3. Liya chachamba ntang'am kakuhle,
Iinkozo zalo ziya menyezela.
Lisuse ulizise ngekhasi,
Lingakutʃhisi, khe silinchamle.

4. Qum, qhaʃu, qhuʃuu !
Alimnandi lithambe yimvoco,
Iinkozo zinencasa kakhulu,
Ungavimb' uMaakhulu efa ngamehlo.

5. Kha nize sichuɓisane sonke,
Ze silive uɓumnandi ɓalo.
Ma liqale liviwe nguNozenza,
Yena waziyo ukosiwa kwalo.

6. Alimnandi "luncuthu MamZangwa"
Ungaqaɓuka se uligqiɓe lonke.
Kha nilive imiqolo ngaminye,
Aliyole liɓiza lithi, "Yiza".

## UkuLwa kweenKunzi

1. Tʃhu ! tʃhu ! yavel' eyakowethu !
Tʃhu ! tʃhu ! tʃhu ! uza kuva !
Wavel' uBlom, Wavel' uBlom !
Tʃhu ! tʃhu ! konakala !

2. Vityi, vityi, vityi, vityi !
Zahlangana int' eɓe zikade zizondana.
Vityi, vityi, vityi, vityo !
Lumka kwedini wanyathelwa !

3. Vityo, vityo, vityo, vityo !
Umagquma ɓatʃho ɓaɼwaqele,
Ath' akukhonya kuhlokome amawa,
Vityo, vityi, vityo, vityi-i-ii !

4. Yint' emandla ngathi yingonyama,
Igweɓa ngathi iɓeth' ibithi !
Wayoyisa uBlom, Blaman, Blom,
Eee, eee, eee, yaɓalekaa !

## UNyak'omtʃha

1. Aɓantwana aɓaɓini
Ƃaɓedlala eɓaleni
Oonopopi ɓemipha
Namahaʃe omdongwe.

2. Kwafika ndod' ithile
Inxiɓ' ezimajacu,
Yahlala ngasemthini
Owaye uneengcambu.

3. Ithethe naɓantwana
Yaɓuza aɓazali,
Ƃalandula aɓantwana
Ƃathi ɓemka kudala.

4. Yayiphethe oonodoli
Iɓazisa kuɓantwana,

Yathi kuɓo ingumhambi
Otyelela aɓantwana.

5. Yaɓapha aaɓo nodoli
Ngokuɓon' imbeko yaɓo.
Aɓantwana ɓaaneentloni
Ɓeɓon' uɓuɓele ɓayo.

6. Ɓayiɓuz' igama layo
Ngentlonelo nangoɓuhle.
Yathi yon' igama layo
Lelithi nguNyak'omtʃha.

## InTak' eThamsanqa

1. Zwii, zwii, zwii--ii !
Naalo inqilo lindandazela,
Lisihla linyuka liphaphazela,
Liɓeth' amaphiko esibakabakeni.

2. Zwii, zwii, zwii !
Yatʃh' intak' amadladla
KaGocina noMvundlela,
KaBinita kaKhakhaza.

3. Zwii, zwii, zwii !
Latʃhw' igwangqa likaMbinga,
LikaNgoma noLusiɓa,
LikaMɓilase noNcwaɓane.

4. Ɓanethamsanqa aaɓa ɓantu
Ngokuthandwa yile ntaka,
Ingavela xa ɓahambayo,
Ith'uhambo lulungile.

5. Wena mhambi qwalasela
Wakuɓona eli gwangqa,
Likunika ithamsanqa
Xa liphapha ngaphambili.

6. Zwii, zwii, zwii !
Thetha, thetha ntak'akowethu,
Theth' injani na le ndlela ?
Zwii-ii, zwii-ii, zwii-ii-yoo !

## UkuZalwa kukaYesu

1. Kwafika ingelosi kuɓalusi
Aɓaɓetyisa izimvu emadlelweni,
Yaɓaɓikela iindaɓa zovuyo,
Ezokuza koKumkani omtʃha.

2. Emzini waseNazaret yaseJudeya
Emkhumbini wesitali senkomo,
Wazalelw' apho umntwan' onguYesu,
UMariya wamsongela eziqhiyeni.

3. UYosef' uyise noMariya unina
Ɓamgcin' apho esitalini,
Kuloo ndawo iphantsi kangako,
Kuɓa ɓaɓengenandawo.

4. Izazi zalandela inkwenkwezi
Izikhokelela elusanen' eNazaret,
Zafika zaluɓona usana
Zalunika amabaso exaɓiso.

## ICANDELO IV

# ISela

1. Lo mntu isela uyaziwa,
   Uya ɓonwa uqheliwe ngangaɓantu,
   Uya hamba uya hlala emini,
   Eseɓenza encokola naɓantu.

2. Akahluki kwaɓanye aɓantu,
   Uya nxiɓa ahombe kakuhle ;
   Ahlonel' athoɓele aɓantu,
   Unoɓuɓele nesisa kakhulu.

3. Wakumkhangela aɓukh' uɓusela,
   Esiqwini akungekh' uɓuɓone ;
   Imo yakhe ayixeli ɓusela,
   Kwa nezandla zimsulwa ngenene.

4. Uth' ehlel' aɓecinga uɓuɓi,
   Intliziyo imthuma phi phi phi ;
   Ad' esuke ngeenyawo ahambe
   Ayithaɓathe impahla yaɓantu.

5. Amaqhinga afunyanwa kuye,
   Ath' ehlel' aɓezama iceɓo ;
   Ad' afunde neengqondo zaɓantu,
   Ayifunde nentlalo yelizwe.

6. Imfundo yinto yakowaɓo,
   Ulwazi wazalwa kwa nalo ;
   Amaɓakala wawaphumelela onke,
   Wafumana igama loɓusela.

7. Waahlukana nelokuzalwa igama,
Laphelelwa lixaɓiso lalo ;
Umnini-lo ukhonjwa ngos'thupha,
Kusithiwa, "Naalo ke isela".

8. Uth' ehamba aɓegxekwa ngaɓantu,
Ath' ehlel' aɓecutʃhwe sisizwe.
Onk' amaʃwa abekiswa kuye,
Amathamsanqa aʃenxiswe kuye.

## IPhupha lam

1. Ndiɓuzeni amathongo ndiwaxele,
Ndiphuphe kusenzeka isimanga
Sokuɓekwa koNtsundu esihlalweni,
Sokugweɓa amatyala aaɓaNtsundu.

2. Imantyi entsundu yakuvela,
Yanika imbeko inkundla ;
Yakuhlala yaluɓamba usiɓa,
Wandulela umtʃhutʃhisi ontsundu.

3. Intetho iqhutywe ngesiNtu,
Andaɓona mfuneko yatoliki ;
Onetyala wangen' emkhumbini,
Ukuchaz' uɓugeɓenga ɓakhe.

4. Uɓemelwe ligqwetha elintsundu
Se lihleli lixhoɓe lagqiɓa ;
Kwa negqira umɓoni wengozi,
UmAfrika omnyama ngemvelo.

5. Liqhutyiwe ityala kakuhle,
Kuɓuzwa, kuxoxwa, kunzima ;
Ziɓambene ngomthetho iincutʃhe,
Ziwufunda kwiincwadi ezinkulu.

6. Lakuphelelwa ngamandla ityala,
Lalaneka igqwetha kakuhle ;
Yaqukumbela imantyi kwa oko,
Yaligweɓa, yachithakala inkundla.

## ImFundiso kuɓaNtwana

1. Fikani ngexeʃa esikolweni
Nizama ukuza yonk'imihla,
Nikhuthale ezifundweni zenu
Ukuze niphumelele ngalo nyaka.

2. Yityani okuthambileyo kusasa,
Phambi kokuya esikolweni ;
Isidudu, uɓisi, nesonka,
Zilungile ukuseɓenza ingqondo.

3. Hlambani imizimba noɓuso
Ngesepha namanzi aʃuʃu,
Niseɓenzise amafutha ningagcaɓi
Ze ninxiɓe impahla ecocekileyo.

4. Hlonelani iititʃhala naɓadala,
Niɓonise imbeko nentoɓeko,
Esikolweni, ekhaya, naphi na,
Ninodwa, niɓonwa, ningaɓonwa.

5. Sakuphuma isikolo godukani,
Ningahambi nisisa nixaɓana,
Ningamhleki umntu ohluphekileyo,
Kuɓa oko kunenzela amaʃwa.

6. Dlalani imidlalo emakhaya,
Niseɓenze ngexeʃa lomseɓenzi,
Niphumle nilale nanele,
Ukuze niphile kakuhle.

## UkuFa

1. Awu le nt' ukufa
   Ayinachule,
   Ith' isihla mihla le
   Ingad' iqheleke.

2. Akuxeli xa kuzayo,
   Kuya quɓula ;
   Kulisela lenyaniso,
   Kuya xaka.

3. Kusuɓa iinzwana neenzwakazi,
   Akwahluli ;
   Izityeɓi namahlwempu,
   Kuya fanwa.

4. Kwiinkedama naɓahlolokazi
   Akunalusizi ;
   Kumhambi nomtyeleli,
   Akuceɓisi.

5. Amaciko neembongi
   Kulalwa phantsi,
Izazi nezilumko
   Zithoɓela kona.

6. Kuziintsizi nezililo
   Emhlaɓeni,
Kuluvuyo nolonwaɓo
   Ezulwini.

## Ixeʃa lokuVuna

1. Hayi ukuyola kwexeʃa lokuvuna
Ixeʃa lokuɓona isivuno sentsimi !
Kucace indyeɓo kuɓonwe indlala,
Ejongene naloo nyaka wesivuno.

2. Ɓonke ɓemi ɓume aɓantu,
Kuqhokɼwa kuhlutywa izikhweɓu.
Ziphoswa kwimilu ngemilu,
Ukuze zihlanganiswe kakuhle.

3. Aɓafazi ɓathaɓatha iingoɓozi,
Ɓaqokelele yonke loo milu ;
Ɓazame ukuyenza isitha,
Kuɓe lula ukulayiʃwa esileyini.

4. Izipani zokuthutha ziya phithizela,
Ukuya nokuɓuya nezileyi,
Kusiwa izikhweɓu emakhaya,
Zigalelwe ezindladleni zombona.

5. Aɓavunisi ɓafumana amaqhakata,
Ɓaphiwe neenkoɓe namaqhaʃu,
Ɓagoduke ɓesindasindana,
Ɓenovuyo ngenzuzo aɓanayo.

6. Aɓalusi ɓazosela amaqhaʃu,
Iinkomo zibuqe iindiza,
Ɓakhwahlaza intsalela yezikhweɓu,
Ɓazichuɓe ɓathengise kuɓaɼweɓi.

7. Kulapho kwenziwa iziswenye,
Zokugcinelwa imbewu ezayo.
Kucocwe iikoyi nezisele,
Zokugcina umbona wesivuno.

8. Aɓalimi ɓagqatsa ngesivuno,
Ɓaɓale inani lezileyi zombona.
Kuɓonwe eyona ndoda iphambili,
Inconywe, ixatyiswe, ihlonelwe.

## ILanga

1. Lavela ilanga phezu kolwandle,
Licotha kakuhle elunqhamekweni ;
Livele ngenkqayi lithuku-thukuza,
Kwezo ntaɓa zijonge emPumalanga.

2. Liɓomvu ligqatse ngokwelahle,
Liqoqwe laguda ngokwesanqha
Nguɓani n'ichule lale ndalo
Elaxhoma le ngqakumb' ingaka ?

3. Liyenyuka, liyenyuka kakuhle,
Livelcla ilizwe liphela ;
Liɓonisa olwalo uloyiso
Kwidaɓi phakathi kwalo noɓusuku.

4. Kufikile ukukhanya ɓemk' uɓumnyama,
Hambani zinkwenkwezi iphelil' imfazwe ;
Luphelil' uduʃe lwemini yezolo,
Se kuscle ukukhanya kwemini.

5. Liyiqalile ihambo yalo ende,
Esinga kwelo zwe lenTʃonalanga ;
Se licanda loo mathafa aluhlaza,
Kuloo mmango mde wesibaka-baka.

6. Luya vuya uluntu kwa nezilo,
Utyani nako konke emhlaɓeni ;
Ngokufumana ukukhanya noɓuʃuʃu,
Nokuphola kwempepho yamalanga.

7. Liya hamba lisinga enTʃonalanga,
Lisihla liqhuqha phezu kwezo ntaɓa ;
Naɓalusi ɓahlanganisa imihlambi yaɓo,
Kuɓ' imini iya phela se kumathunzi.

8. Liyehla, liyehla, lithi, "Ndithenge",
Lafika, lafika, encamini yentaɓa,
Lazika, lazika, laya kusithela,
Kwee cwaka, kwee cwaka, yaphela imini.

# ImBongi umFi. S. E. K. Mqhayi

1. Awu ! Kha nitʃho mzi wakowethu,
Kha nithethe hlang' oluntsundu,
Niya siva na isizungu esingaka,
Esijikeleze lonk' elimiweyo ?

2. Siyityhutyhile iAfrika iphela,
Sawudliki-dlikiza umZantsi-Afrika ;
Saya kuchopha aph' eNtaɓ'ozuko,
Aph' imbongi yesizwe ilele khona.

3. Ewe zinkosi kaloku kuya vakala,
Kuya vakala ukulala kwembongi ;
Umthandi wesizwe siphela,
Umkhonzi neciko lokuthetha.

4. Taɼuni maAfrika akowethu,
Ɓe ndinguɓani na kade ke mna ?
Ndiyini na khona esizweni
Ukuthetha ngendoda engaka ?

5. Ziphi na iinto zooJoloɓe,
Iimbongi zesizw' esintsundu ?
Aphi na amadoda aziinkonde,
Zokucombulula le ngxaki ingaka ?

6. Kha nivele kwiseɓe lemfundo,
Nomɓona uMqhayi ehleli ;
Jikelezani kwizikolo zaɓaNtsundu,
Nomva uMqhayi ethetha.

7. Mntu mni na lo uth' ekwelemimoya
Aɓe ethetha nalaph' emhlaɓeni ?
Akhunjulwe ngaɓantu nje ngomhambi
Engasokuze aɓonwe ngawenyama ?

8. Ndivumeleni zidweʃa nditʃhonele,
Ndiwanqandile amathole edlelweni ;
Ze nisenge iimazi zehlise,
Taaɼunii--- Taa-ɼunii--ii. !

## UNongqawuse

Isukile le ntombazana yaya emlanjeni,
Yaɓuya yaɓalisela uMhlakaza, uYise,
Konke ekuve apho iɓiye khona,
Wath' uthunywe ngooHintsa nooNdlambe,
Iminyanya yakudala yakwaXhosa,
Exela ezimnandi iindaɓa zesizwe ezithi :

1. "Isizwe ma siɓulale imfuyo ;
Sitʃhaɓalalise konke ukutya ;
Kulungiswe zonke iintlanti,
Kugudiswe zonke izisele ;
Kuya kufika imini enkulu,
Eyovuyo kuso sonke isizwe ;
Ilanga lotʃhon' emPumalanga,
Lingayifezanga ihambo yendalo.

2. Iintlanti zozala yimfuyo
Nezisele zophuphuma yindyeɓo,
Aɓadala ɓohlaziywa ɓaɓe ɓatʃha
Ɓaɓuyele kwixeʃa loɓuntwana,
Ɓonwaɓe, ɓachwayite kulunge,
Kuhluthwe, kunxitywe, kungqwindwe,
Kuɓ' ixeʃa lentlupheko lidlule,
AmaXhosa ayifumene inkululeko."

3. Yakufika loo mini inkulu
Yeqhayiya kwisizwe sakwaXhosa,
Yaangulowo waxilonga ilanga
Eliza kwenza isimanga esikhulu,
Layihamba indlela yalo alajika,
Ɓaqala aɓantu ɓaɓuzana.
Konakele iliʃwa liʃwaɓene
Yaayingxaki nodano olukhulu.

4. Ɓaqala aɓantu ɓom' imilomo,
Ɓangxanga, ɓazula, lanqum' inqatha.
Aɓanye ɓasola uNongqawuse
Ɓesithi lixoki lomntwana ;
Ɓalamba ɓadlana aɓantu,
Yaaziindwayinge nezidumbu kwelo zwe ;
Acaca amandla oɓumnyama,
Satʃhaɓalala isizwe samaXhosa.

## ImFundo kaSandla

1. USandla wafunda kanzima
Esalusa impahla emfutʃhane,
Ath' eseɓenz' umseɓenzi emzini
Aɓ' ekɾoɓa impahla edlelweni.

2. Uɓeyiqhuɓa ayalusele esikolweni,
Afunde emana eyiphethula,
Iiguʃa neebokhwe ethafeni,
Amahaʃe needonki entaɓeni.

3. Waliphumelela iɓakala lesithandathu,
Wacela ukusiwa eSinaleni
UYise waala, kwaphela ithemba,
Esithi ma kaye empahleni.

4. Uzimele waya eLuthuthu
Wacela uncedo kunina-lume,
Wamamkela ngoɓuɓele oɓukhulu
Esithi wonceda amhlawulele.

5. Wamsa ngamahaʃe kweyaseMgwali
Phaya eɓaThenjini kwaNguɓ' enchuka,
Ɓathaɓatha iintsuku ukuya eMgwali,
Wangena eɓutitʃhaleni kwaNguɓ' enchuka.

6. Akukhov' ukuphumelela eyesibozo
Wafa ngequɓuliso uNina-lume,
Yaayinkohla nengxaki kweyethoɓa
Umphathi weSinala wamnyula.

7. Ufunde ngeemali zeSinala
Elulamile enengqondo lo mfana,
Waphathiswa amawonga eSinala
Ethandwa ngaɓo ɓonke uSandla.

8. Akuphumelela eyeʃumi linanye
Ɓamqaʃa kwa lapho lo mfana,
Ngesimil' esihle, weenziw' umntu
Waseɓenza wachuma uSandla.

## INcoko yeXhegwazana

1. Phulaphulani ɓantwana ɓomntwan'am.
Ndavela ngomnyaka kaNongqawuse,
Ndatʃhata ngemfazwe kaNchayechiɓi,
Ndiyintombi eqine kwaphela.

2. Esikolweni saye sisiya manqapha-nqapha,
Kuɓa kaloku sasixaɓise imitʃhotʃho,
Sisambatha iinguɓo esikolweni
Sizigquma xa siɓethwa ziititʃhala.

3. Unyana wamaziɓulo yaɓa nguNtsengeni
Endamfumana eɓusika ngenkxola-zwe,
Intombi eyalekela iziɓulo,
Igama kwathiwa nguNomiliyon.

4. Le ntombi yayithandwa nguyise,
Esithi ikhazi layo loɓa yimiliyon,
Isigidi seenkomo ezikhethiweyo,
Kuɓa kulotyolwa inkosazan' uMafungwaʃe.

5. Aɓafazi ɓe ɓeɓeleka aɓantwana
Ɓaye kufuna iintsenge ematyholweni ;
Amadoda aphume inqhina
Ezingela iinyamakazi emahlathini.

6. Uluntu ɓe luzonwaɓisa ngemigidi,
Iintlombe, nezijadu neembutho,
Ngeminy'imihla sizive sintliziyo-mbi
Ngokuhlutʃhwa ziimfazwe zelizwe.

